




"Tswi! Tswi Tswi!"

"Kwa! Kwa! Kwa!"

"Da! Da! Da!"

UDada nomngani wakhe uHobe babesiya echibini  
ababeqhele ukugagana kulo, kufitshi nomfula.



Kwakulusuku olutshisa kakhulu. UDada wankcwila emanzini. UHobe wayecinga, "Ingathi kumandi ukugqubha."

"Hobe, uyakhanuka ukugqubha?" watsho uDada etshonisa intloko emanzini, aphinde avumbuke, emfila.

"Yiza ndikubeleke, ndikufundise ukugqubha."



UHobe shwiii wabaleka wayoma phezu komthi xa kufuneka etshonise intloko emanzini.

UHobe wacinga ngokukhiyanxeka, "Ngeke ndikwazi ukugqubha njengoDada."


Wasala yena uDada emanzini.



"O yhini Hobe! Undijaliselani? Kutheni unditshiya ndodwa emanzini? Bendithi ngaba uyakukhanuka ukugqubha njengam," wakhalaza uDada.

UHobe waaphendula, "Ndoyika ukutshona."


"Bendicinguba ubufuna ukufunda ukugqubha njengam," watsho uDada.



"Tswi Tswi! Tswi! Dada, nam mandikufundise  
ukubhabhazela. Ukugqubha kunzima!"

Shwiii! Wabhabhazela uHobe wayoma etyen elikhulu.  
Walandela uDada.


Nanko uHobe phezu komthi omde. Wasala engakwazi  
ukulandela uDada.



UDada waziva ekhiyanxekile. Wazicingela engxamile,  
"Hayibo kutheni! UHobe akandicingeli.

Mna ndilidada hayi ihobe. Mna ndiqhele ukugqubha  
andikuqhelanga ukubhabhazela," waacinga nzulu  
engxamile.


UHobe wafuna ukumduduza umnganakhe.



Baalhala phantsi elityeni bethule. Ekugqibeleni uHobe wathi, "Mngani, namhlanje ndifunde uba noba ndikhanuka, ngeke ndigqubhe njengwawe," watsho uHobe.

"Nam Hobe undifundise isifundo. Mawubhabhazel a undenza ndikhanuke ukuba nguwe. Kodwa ndibonile namhlanje uba idada lahlukile kwintaka."

Bawolana uDada noHobe.



"Singamadada, thina singamadada. Siyaluthand'udaka, ma sigqubh'echibini, sitshonisa iintloko, siphume sesisithi, 'Kwaa kwaa kwaa gxadada! Kwaa kwaa kwaa gxadada!'"

"Hanibheke ezo ntakana. Zibhabhazela ngamaphikwana zithi, 'Tsiyoyo, tsiyoyo, tsiyoyo!'"